

# IMibuzo eBuzwa Rhoqo

24.04.2020

## Ukukhula kweemeko zolosuleleko lwe-Covid-19 eziqinisekiswe yilabhoratri eNtshona Koloni

- Ingaba iNtshona Koloni iyabakhangela ibafumane abo basenokuba bosulelwe yiCovid-19?
- Ewe. Inxalenye yendlela yesebe lethu lezempilo yokufumana abosulelwe ngulo bhubhane kukuqinisekisa ukuba sifumane ngokukhawuleza umntu ngamnye osenokuba wosulelwe yiCovid-19, ngako ke silindele ukuba lande inani leemeko zolosuleleko lweCovid-19 eziqinisekiswe yilabhoratri kweli phondo.

### Kutheni kubaluleke kangaka ukufumana abantu ekusenokwenzeka ukuba bosulelekile?

- Ukufumana umntu ngamnye osenokwenzeka ukuba wosulelekile kubaluleke kakhulu ngoba ukuba siyamazi umntu othile ukuba uneCovid-19, sinokuqinisekisa ukuba uyasuswa kwabany' abantu abeyedwa, ngaloo ndlela ke singakwazi ukunqanda ukunwenisela le ntsholongwane kwabany' abantu.
- Kwakhona singakwazi ukulandeleta abo ebeqhagamshelene nabo kuze kuqualiswe ngale nkqubo ngokutsha. Oku kukwathetha ukuba singanakho ukunakekela nabo basenokugula kakhulu ngenxa yale ntsholongwane.

### Bangaphi abantu abaye bahlolwa baze bavavanywa kule veki iphelileyo?

- Kule veki idlulileyo, kwenziwe malunga neemvavanyo ezingama-9000 kweli phondo njengenxalenyne yendlela yendlela yokufumana abantu abosulelekileyo.

Ukusukela ukuqaleni kukaEpreli, amaqela ethu okuhlola uluntu ahlole abantu abangaphezulu kwe-150 000 kulo lonke eli phondo.

- Yeyiphi eyona ndlela esebezayo yokufumana abosulelekileyo eyamkelwe yiNtshona Koloni?
- INTshona Koloni yamkela indlela esekelwe kwidatha ukuze ihlole kwave ivavanye abantu, apho amaqela ethu okuhlola elandela ezona ndawo "zichaphazeleke kakhulu" – inani labantu abosulelekileyo phakathi koluntu.

Siqwalasela eli nani laba bantu bosulelwe yiCovid-19, kwave amaqela ethu okulandela umkhondo alandela iintshukumo zangaphambili zabo bosulelekileyo ngokunjalo nabo bebe qhagamshelene nabo.

Ukuhlola kwethu kuchonga abo baneempawu size sibathumele abo bahlali ukuba bayokuvavanywa.

### Lithini iqhinga lethu lokusebenza ukuya phambili?

- Iqhinga lethu lokusebenza kukwenza indlela yokufumana iimeko ezininzi zolosuleleko, nanjengoko siqinisekisa iimeko eselete zikho kuluntu lwethu. Le yeyona ndlela ingcono yokuyigcina ndawonye le ntsholongwane kunye nokuthintel' ukunwena kwayo.

### Yintoni ekufuneka uyenzile ukunceda?

- Umntu ngamnye kuthi kufuneka aqhubeke ngokudlala indima yakhe ekuthinteleni ukunwena kwale ntsholongwane. Ukuba siyakwenza oku, sinoyikuthi inkqubo yethu yezempilo ekubeni ibephantsi koxinzelelo, kwave singasindisa ubomi babantu abaninzi.

Simele sikwenze oku ngokuqhubeka nezinto eselete sizifundile: kufuneka sisoloko silandela imikhwa yezococeko kwave sinxibe imaskhu yelaphu ngawo onke amaxesha xa sisesidlangulara.

Kufuneka sihlale ekhaya kwave sithi qelele kwabanye. Ukuba siyagula, kufuneki singaphumi endlwini: kwave sitsalele umnxeba woncedo kuqala, ukuze saziswe ukuba yintoni elandelayo ekumele siyenze.



URhulumente  
weNtshona Koloni

STOP UKUNWENWA KWALE NTSHOLONGWANE

UKUFUMANA EZINYE IINKUKACHA:  
[www.westerncape.gov.za/coronavirus](http://www.westerncape.gov.za/coronavirus)